higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

MARKING GUIDELINE

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 3

7 November 2024

Esi sixhobo sokuhlola sinamaphepha ayi-8.

QAPHELA

- Le memorandam yenzelwe ukuba ibe sisikhokelo kubamakishi.
- Ayenzelwanga ukuba ibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Imemorandam iya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.

Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/ LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.

Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku ukuba ngaba igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.

Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.

Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

ISICATSHULWA A

1.1 Kwakuyimini enkulu kumzi wamaZotsho, kuvuyiswana nonyana kaZongezile, uBathandwa, umzukulwana kaMshawu./Zaziphume mbombo zone izalamane, abantwana nabazukulwana bale ndlu./UBathandwa waye phumelele kwizifundo zaseDyunivesithi./Wafumana isidanga kwizifundo zomthetho, i LLB.✓ (1)

1.2 Kwakuvuyiswana noBathandwa njengoko efumene isidanga,✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.3 NgamaZotsho.✓✓ (2)

1.4 Izalamane.✓ (1)

1.5 Izifundo zaseDyunivesithi./Izifundo zemfundo ephakamileyo.✓ (1)

1.6 LLB / Izifundo zomthetho.✓ (1)

1.7 Wayengumntwana wokuqala./Wayelivelatanci.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.8 Imivuyo./Uchulumangco./Ukugcoba.✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (1)

1.9 A. Ukufana twatse kweempawu nezenzo nezo zomzali okanye lowo usondele kuwe.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

B. Umntu ufuza izimbo zabazali okanye abo asondele kubo.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.10 Wenze into ebeliyenza./Ulandele ezihlangwini zalo.✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (1)

1.11 Nguyise omkhulu kaBathandwa./Ngutata omkhulu kaBathandwa./-NguMshawu.✓✓ (2)

1.12 Abamelwana babephithizela besehla besenyuka bexelamanz'olwandle./Babe xakekile belungisa iziselo ezibandaya zokuthoba unxano kuba ilanga lalo mini laligqats'ubhobhoyi./Babesenza yonke into ngothakazelelo nokonwaba okungumangaliso.✓✓ (2)

1.13 Sibonisa uthando./Sibonisa imvisiswano./Sibonisa intsebenziswano./Sibonisa ukuhlalisana kakuhle./Sibonisa ukungamonelani.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.14 Ilanga laloo mini laligqats'ubhobhoyi.✓✓ (2)

1.15 Kukuzinikela kulo nto uyenzayo.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.16 Wayeneentloni zokubiza abantu ngento nje encinci yokubamkela xa bebuya kuthweso sidanga.✓✓ (2)

1.17 Bamkelwa ngemiyiyizelo emikhulu ngabamelwane.✓✓ (2)

1.18 Waziva eneentloni ngakumbi./ Wasuka wakubona oku njengempoxo.✓✓ (2)

1.19 Wabiza inkwenkwana ukuba ize neegusha ezazisitya kufuphi nekhaya.✓✓ (2)

1.20 Usizobela ukuba yayityebile kakhulu le gusha.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.21 Xhakamfu.✓ Xhungu,✓ (2)

1.22 Ewe ndiyavumelana, kuba abamelwane babonisa ukumxhasa uNozamile nomyeni wakhe, zange balande ukuba abaxelelwanga./ Hayi andivumelani kuba uMamiya ngulo ebemathidala ukubaxelela ngeti abamelwane bakhe.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)
[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha isishwankathelo:
Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwomanqaku
- Amanqaku ali-10 omxholo
- Amanqaku ama-5 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 15

QAPHELA:

Ubalomagama
- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga. Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.
Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Ukubaluleka nokulondolozwa kwendalo.
- Izinto umntu axhomekeka kuzo ukuze aphile.
- Abantu efuneka bexhamlile kule ndalo sithi kunye nesizukulwana.
- Izinto ezibandakanya indalo ezifana namahlathi, iintaba, iingxangxasi nemihlaba.
- Izinto ezinomtsalane elizweni lethu.
- Utyelelo lwabakhenkethi luzisa uqoqosho lukhulise noshishino.
- Imisebenzi eyenziwa yimithi nengca ekukhuseleni indalo.

AMANQAKU: [15]

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZONTENGISO

3.1 3.1.1 Ngumzi mveliso wakwaJustine.✓✓ (2)

3.1.2 YiTissue oil.✓✓ (2)

3.1.3 Kubantu ababhinqileyo./Kubantu basetyhini./ Nakubani ofuna ulusu lwakhe lubukeke./Kubantu abafuna ukuzithemba ngolusu lwabo.✓✓ (2)

3.1.4 Isusa amabala emzimbeni./Yenza ulusu lwakho luhlale luthambile./Ulusu lwakho luhlala lubukeka.✓✓
(Naziphi iimpendulo ezimbini kwezi zamkelekile) (2)

3.1.5 Le✓✓ (2)

3.1.6 Kukunika umyalelo kubathengi ukuba bayisebenzise le mveliso/. Kukunika umyalelo kubathengi ukuze bayifune le mveliso ngamandla./Ufuna bayisebenzise ukuze bazokuzithemba ngolusu lwabo.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.7 Kukutsala abathengi ukuba bayibone bekude imveliso ethengiswayo.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.8 Ulusu lwakho luhlale lubukeka lusithi ndijonge.✓✓ (2)

3.1.9 Isilogani sibangela umthengi akhumbule oko bekuthengiswa nokuba bekuthengiswa phi. /Sibangela umthengi akhumbule oko bekuthengiswa nokuba ezinye iinkcukacha uzilibele. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.10 Ewe, uphumelele kuba inzwakazi ibonakala inolusu oluhle kwaye olungenamabala./Hayi, akaphumelelanga kuba oku kubhaliweyo ngale mveliso kuthethwa rhoqo nakwezinye iimveliso zolusu.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2 **IKHATHUNI**

3.2.1 Ilele.✓ (1)

3.2.2 Udiniwe.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.3 Kwikhompyutha./Encwadini.✓✓ (2)

3.2.4 Ligumbi lokufundela kuba kukho izixhobo zokufunda.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.5 Yintsimbi yesithathu./ngu-3.✓✓ (2)

3.2.6 Lelasebusuku, libonisa ukuba kudala efunda ngoku udiniwe.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.7 A. Umrhonokazi – isandiso/ubukhulu.✓ (1)
B. Intwazana – ubuncinane/ubuncinci.✓ (1)

3.2.8
- Uqamele ngencwadi.✓
- Ngesandla.
- Ngengqiniba.Uqamele edesikeni. (1)

3.2.9 Wayelele ekobude ubuthongo.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.10 Sisifaniso.✓✓ (2)

3.2.11 Kubalulekile ukuzithanda iincwadi kodwa kufuneka umntu azinike ixesha lokuphumla kuba umzimba uyadinwa nawo.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

ICANDELO D: UNCWADI

UMBUZO 4: ISIHOBE

4.1 Ilanga/ubushushu belanga,✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.2 Uthetha ngemitha yelanga eyenza kubeshushu./Uthetha ngelanga nemisebenzi yalo.✓✓ (2)

4.3 Okwesipili.✓ Isifaniso.✓ (2)

4.4 Ithetha ukuba ibone into ebekungafanelekanga ukuba iyayibona.✓✓ (2)

4.5 Igolide yinto enexabiso efunwa ngumntu wonke, nto leyo ebonakalisa ixabiso elinalo ilanga kuluntu.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.6 Amanqenerha.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.7 Kubantu abonqenayo abajikeleza indlu belandela ilanga apho lingakhoyo.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.8 Abantu basebenza nzima bezimisele phantsi kwengqatsini yelanga.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.9 B./Bayagula.✓ (1)

4.10 Utyani,✓ amatakane,✓ wonk'umntu.✓ (3)

4.11 NgumShushubezi,✓ ushushubeza,✓ uyingubo,✓ wambathisa.✓ (4)

4.12 Isityebi./Izinhanha.✓ (1)

4.13 Wena wombathisa wonke umntu olihlwempu./Wena wombathisa wonke umntu ohlelelekileyo.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.14 Uyingubo✓- Sisikweko.✓ (2)

4.15 Avuya amatakane./Onwaba amatakane./Achwayita amatakane.✓✓ (2)

4.16 Yaka.✓✓ (2)

4.17 Wonk'umnt'uyaphila kuwe./Wonk'umntu.✓✓ (2)

4.18 Isibonisa ukubaluleka kwelanga./Isibonisa nemisebenzi yelanga.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.19 Umfanekiso ngqondweni weliso.✓ Umbhali usizobela indlela amatakane onwabe ngayo.✓ (Nayiphi inkcazelo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.20 Imbongi ibonakalisa ukuvuya✓ kwistanza sesithathu ngokuthi 'lingumshushubezi. Liyingubo yamahlwempu. Lombathisa bonke abagodolayo.'✓✓ (Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (3)

4.21 Umbongo ochazayo,✓ uchaza ngelanga nezinto ezintle ezenziwa lilanga, nangona ikhona loo mbinana ethi idale imikhuhlane.✓✓ (Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile.) (3)

[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5

5.1 Yinja enyolukileyo./Yinja.✓✓ (2)

5.2 Yayithanda kakhulu inyama namathambo.✓✓ (2)

5.3 Yanela koko unako.✓✓ (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

5.4 Yabaleka ngamandla./Yabaleka kakhulu./Yasombela isinqe.✓✓ (2)

5.5 Akufunekanga umntu anyoluke ade agqithise.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO E: 10
AMANQAKU EWONKE: 150